Isalathiso: 20171123-7291
12/16/5/2/1
Imibuzo: GC De Bruyn/JC Titus

INgcaciso eMfutshane ye-*Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI):* 0005/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeMfundo eneeMfuno eziZodwa, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi beZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente

Isihloko: IiBhasari zango-2018 ze-*Continuing Professional Development* zootitshala abasenkonzweni

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) linovuyo ngokubhengeza ukuba i-*Education Training and Development Practices Sector Education Training Authority (ETDP SETA*) yenze ukuba kufumaneke **iibhasari eziyi-190** zootitshala ukulungiselela unyaka wokufunda ka-2018 ukwenzela ukuba baphumelele la mabanga emfundo alandelayo:

	Ikhosi	**Inqanaba le*NQF***	**Iziko ekuvunyelwene ngalo**
i	*I-Advanced Certificate in Foundation Phase Teaching (ACT FP)*	6 120 iikhredithi	*University of Cape Town (UCT)*
ii	I-*Advanced Certificate in Senior Phase Teaching in Mathematics* (ACT SP Mathematics)	6 120 iikhredithi	
iii.	I-*Advanced Diploma in Education in Intermediate Phase Mathematics Teaching*	7 120 iikhredithi	*University of Stellenbosch (US)*
iv.	Advanced Diploma in Senior Phase Mathematics Teaching	7 120 iikhredithi	
v.	*I-Advanced Diploma in Education in Further Education and Training Mathematics Teaching*	7 120 iikhredithi	

2. Ootitshala abazifezekisayo ezi khrayitheriya zilandelayo mabafake izicelo zebhasari:

	Ikhosi	**Iimfuno ezimiseleweyo ezizezona zisezantsi**
	I-*Advanced Certificate in Foundation Phase Teaching (ACT FP)*	• Ootitshala abanebanga lemfundo yobutitshala (*formal teaching qualification*) kwi-*Relative Educational Qualification Value (REQV) 13 (M+3)* okanye ngaphezulu; • Ootitshala abafundisayo ngoku kwiSigaba seSiseko bengenawo amabanga emfundo yoqeqesho emiselweyo; • Ootitshala abafundisa ngoku iMathematika kwiSigaba saBadala *(Senior Phase Mathematics*) bengenawo amabanga emfundo yoqeqesho emiselweyo. • Abafundi abalindelekileyo mabazifezekise iimfuno ezimiselweyo zokubhalisa kwizifundo ezimiselweyo e-*UCT.*
ii	I-*Advanced Certificate in Senior Phase Teaching in Mathematics (ACT SP Mathematics*)	
iii.	I-*Advanced Diploma in Education in Intermediate Phase Mathematics Teaching*	• Ootitshala abanebanga lemfundo yobutitshala (*formal teaching qualification)* kwi-*Relative Educational Qualification Value (REQV) 14 (M+4)* okanye ngaphezulu. • Ootitshala abayifundisayo ngoku iMathematika kwesinye sezigaba ezithathu ngaphandle kwamabanga emfundo yoqeqesho emiselweyo kwiMathematika. • Abafundi abalindelekileyo mabazifezekise iimfuno ezimiselweyo zokubhalisa kwizifundo ezimiselweyo e-*US.*
iv.	I-*Advanced Diploma in Senior Phase Mathematics Teaching*	
v.	I-*Advanced Diploma in Education in Further Education and Training Mathematics Teaching*	

3. Kuphela ngootitshala abakwezi ndidi zichazwe apha ngentla abanokwenza isicelo.

4. Izicelo ziya kuthathelwa ingqalelo ngokuxhomekeke ekubeni umenzi-sicelo ngamnye uyazifezekisa na ezi mfuno zimiselweyo zilandelayo:
   (i) Makabe uqeshwe isigxina liSebe iWCED.
   (ii) Makazifezekise iimfuno ezimiselweyo zokwamkelwa kwiyunivesithi efanelekileyo (Makufundwe isiHlomelo A)
   (iii) Makabe **AKAYIFUMANANGA** enye ibhasari karhulumente okanye nayiphi na enye ibhasari.
   (iv) Makabe **akabhalisanga** kwenye iyunivesithi nokuba yeyiphi na xa besenza esi sicelo okanye xa bebhalisa.

(v) Ukuzibophelela kwenqununu yesikolo ekubeni umenzi-sicelo uya kuhlala ekwisigaba kunye/okanye kwisifundo esifanelekileyo kangangeminyaka emibini yezifundo zakhe kwakunye nakwiminyaka emithathu emva kwaleyo akuba eliphumelele elo banga lemfundo.

5. Iprogram yamabanga emfundo i-*Advanced Certificate in Teaching (ACT*) ne-*Advanced Diploma in Education (ADE)* iya kufundiswa ngokungesosigxina (*part-time basis)* kwithuba leminyaka emibini, ukususela ngo-Januwari ngo-2018 ukuya kuDisemba ngo-2019. Umsebenzi wekhosi uya kubandakanya ukufunda ngokwabelana nabanye abafundi kusetyenziswa izixhobo zethekhnoloji ukungena kunxibelelwano lwe-intanethi *(network education),* kwakunye neeseshoni zokufunda ngethuba leeholide. (Makufundwe isiHlomelo A.)

6. Ibhasari nganye enikwe utitshala iya kuhlawulela iifizi zokubhalisa nezokufunda (*registration and tuition fees*) yaye i-*ETDP SETA* iya kuzihlawula ngqo iindleko ezimalunga nobhaliso nezokufunda kwiziko lemfundo ephakamileyo elichaphazelekayo (*higher education institution (HEI)).*

7. Indawo yokulala ngethuba leeseshoni zendibano zokufunda apho kufanelekileyo iya kwenzela amalungiselelo liSebe iWCED yaye iya kubonelelwa kuphela kootitshala abavela kwiingingqi zasemaphandleni. Indawo yokulala kwiiseshoni zethuba elinye eliqingqiweyo (*block sessions)* neeseshoni zangeMigqibelo ziya kuba se-*Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI).*

8. Apho kunokwenzeka, iindleko zokukhwela izithuthi ukuya nokubuya kwiindawo ekuqhutywa kuzo uqeqesho ziya kuhlawulelwa liSebe i*WCED*, ngokuxhomekeke ekubeni bayakhwelisana ootitshala abavela kuloo dolophu inye.

9. Ootitshala abazicelo zabo ziphumeleleyo baya kuthwala uxanduva lokuhlawula iindleko zabo zezibonelelo ezincedisa ukufunda nokufundisa, apho kufanelekileyo.

10. Ootitshala abanqwenela ukuthathelwa ingqalelo kwezi khosi zahlukileyo nakwiibhasari, bayacelwa ukuba bazalise ezi fom zesiHlomelo B esiqhotyoshelweyo baze bazingenise zombini iifom ngokuqala zigqithe kwiinqununu zabo ungadlulanga owe-**19 Disemba 2017:**

For Attention: Mr GC de Bruyn
Directorate: Cape Teaching and Leadership Institute
Western Cape Education Department
Private Bag X14
Kuils River
7579

11. Izicelo eziziswe ngesandla nazo ziya kwamkeleka yaye zinako ukufakwa kwibhokisi yamaplanga (*wooden box)* ebhalwe "*Teacher Development"* kwifoya ye-*Admin 2* Building kwiCandelo *leCape Teaching and Leadership Institute*, *New Nooiensfontein Road, Kuils River.*

12. Iifom zesicelo ziqhotyoshelwe kule ngcaciso imfutshane (IsiHlomelo B).

13. **Kucelwa uqaphele ukuba:**
    - **izicelo ezingaphelelanga okanye ezingafundekiyo aziyi kuqwalaselwa; yaye**
    - **akuyi kwamkelwa zicelo zithunyelwe ngefeksi.**

14. Izicelo ezifunyenwe emva komhla wokuvala oyi-08 Disemba 2017 aziyi kuqwalaselwa.

15. **Kucelwa uqaphele oku kulandelayo:**
    - Ikhosi **oyikhethayo** mayixelwe ngokucacileyo kwifom yokwenza isicelo.
    - Iikopi ezingqiniweyo zesatifikethi sematriki sakho, izatifikethi zamabanga emfundo kunye/okanye ezezifundo zoqeqesho neyesazisi, mazingeniswe nesicelo sakho.
    - Ifom yesicelo **mayisayinwe yaye masivunywe** (ifom yesicelo esayiniweyo) **ngumenzi-sicelo, yinqununu yakhe nangumphathi wesekethe.**
    - Ngaphandle kokuvunywa yinqununu nomphathi wesekethe, isicelo siya kuthathwa njengesingaphelelanga yaye asiyi kuqwalaselwa.

16. Ziya kuqwalaselwa kuqala izicelo ezifike kuqala yaye iingcebiso ngazo ziya kuthunyelwa kwiNtloko yeSebe *(HoD*), ngokuthunyelwa kwiCandelo *le-Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI)* ukwenzela ukuvunywa kwazo.

17. Ngokuzalisa ifom yemvumelwano (isiHlomelo C), umenzi-sicelo ophumeleleyo kuya kulindeleka ukuba angene kwimvumelwano emiselweyo neSebe i*WCED* yokwenza inkonzo yonyaka, ngonyaka ngamnye abenikwe ngawo ibhasari, kwakunye nokuba athobele neminye imiqathango ecaciswe kule mvumelwano.

18. Kucelwa uqinisekise ukuba okuqulethwe kule ngcaciso imfutshane kwaziswa bonke ootitshala abasesikolweni sakho ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-12-04